FUMANA

Singa Kholelwa KuThixo

U-Jim wakhe wabuza omnye umntu ongakholelwayo kubukho bukaThixo ukuba ingaba wakhe wazama na, nokuba yimizuzwana embalwa, ukuqonda ngobukho bukaThixo?
"Ngokuqinisekileyo kunjalo," waphendula watsho ku Jim owayothukile yimpendulo.
"Kwiminyaka emininzi eyadlulayo, xa umntwana wethu wokuqala wazalwayo, ndaphantse ukukholelwa kuThixo. Xa ndandikhangele kuloo mntwana mncinane elele kumandlalwana wakhe, ndikhangele loo minwana ishukumayo, ndibona nokuvela kwengqiqo ethile kuloo mehlwana. Yenza loonto ndaphantse ndakuyeka ukungakholwa. Ukukhangela kuloo mntwanana wethu kwaphantse kwandeyisela ekubeni ndikholwe ukuba uThixo ukhona."

1. YONKE INTO EKHOYO INOMDALI WAYO
Ukuyilwa komzimba womntu kuchaza ubukho bukamdali. Iinzululwazi zisixelela ukuba ubuchopho bugcina, bukhumbule amawaka-waka emifanekiso engqondweni, buhlanganisa busombulule iingxaki, buxabisa ubuhle, buqonda isiqu somntu, bunqwenela ukukhulisa okona kuyincamisa kumntu ngamnye.
Umbane ongaphakathi emzimbeni osuka engqondweni ulawula konke ukusebenza kwezihlunu zemizimba yethu.
Iikhompuyutha zikwasebenza ngombane. Kodwa kuthabatha ingqondo yomntu ukuyila iikhompuyutha, kwanomntu ukwakha ikhompuyutha, ayixelele emayikwenze.
Akumangalisi ngoko xa uMdumisi egqiba kwelokuthi, umzimba womntu uthetha ngokuvakalayo nangokucacileyo ngoMdali:

Uthi ***"Ndiyabulela kuwe ngenxa enokuba ndenziwe ngokoyikekayo, ngokubalulekileyo. Zibalulekile izenzo zaKho. Umphefumlo wam uyazi kakuhle." - INdumiso 139:14.***

Akukho mfuneko yokubheka kude ukufumana "imisebenzi" kaThixo. Ubulumko nobuchule bokudala, ubuchopho bomntu kunye nezinye iinyama zomzimba "ziyimisebenzi" kaThixo, kwaye zikhomba kumdali ongaphaya kokuqonda.
Akukho mpompo eyenziwe ngumntu enokuthelekiswa nentliziyo yomntu. Akukho lunxibelelwano lwakhompuyutha lunokulinganiswa nenkqubo yemithambo yethu. Akukho nkqubo kamabonakude yaneleyo esinokuyifanisa nelizwi lomntu, nendlebe, neliso. Akukho mibhobho yomoya (*air conditioner*) enokulingana nomsebenzi owenziwa yimpumlo, imiphunga kunye nesikhumba sethu.
Ubuchule bomzimba womntu bunika amava okuba kukho mntu uthile owawudalayo umzimba womntu, kwaye loo Mntu nguThixo.
Umzimba womntu ungumdibaniso opheleleyo wezihlunu namalungu, kwaye asebenza kunye. Imiphunga, intliziyo, imithambo, nezihlunu, zonke zenza imisebenzi engummangaliso emzimbeni.
Ukuba ubunokuqwalasela amalungu athile omzimba anje-ngesisu, intlinziyo, isibindi, imithambo yegazi, izintso, amehlo namazinyo, zonke zikhula kunye, zaye zisebenza ngaxeshalinye.
Singayicacisa njani indlela athe uYehova wazoba ngayo umzimba womntu?

"Wathi uThixo, Masenze umntu ngokomfanekiselo wethu ngokufana nathi.
... WAMDALA KE UTHIXO UMNTU NGOKOMFANEKISELO WAKHE;
… wadala indoda nenkazana." - Genesis 1:26, 27.

Indoda yokuqala nenkosikazi yokuqala zange zisuke zibekho. I-Bhayibhile iqinisela ukuba uThixo wabadala ngokomfanekiselo waKhe. Wacinga ngathi waza wasenza sabakho.

2. YONKE INTO EYENZIWEYO INOMDALI WAYO

Kodwa ke, ubungqina ngoThixo abuphelele ekudalweni kwemizimba yethu kuphela, koko bukwanabele kuwo onke amazulu. Shiya izibane zedolophu, ukhangele esibhakabhakeni ebusuku. Elo lifu libunkungu elingaphaya kweenkwenkwezi esilibiza ngokuba nguMthala eneneni zizigidi-gidi zeenkwenkwezi ngeenkwenkwezi namalanga ngamalanga abengezelayo ngokufana neli lethu ilanga. Eneneni eli langa lethu namazwe alingqongileyo (*planets*) yinxalenye yoMthala. Kwaye lo Mthala wethu uyinxalenye yeminye imithala enokubonwa kuphela ngezixhobo ezinamandla zokujonga (*giant telescopes*) esibhakabhakeni.

Akumangalisi ngoko xa umdumisi egqiba ekuthini-iinkwenkwezi zithetha ngoMenzi onozuko.

"Izulu libalisa uzuko lukaThixo, saye isibhakabhaka sixela umsebenzi wezandla zaKhe." - INdumiso 19:1.

Singabuchaza njani ubuchule bukaThixo xa wayedala eli limiwayo?

"Ekuqalekeni uThixo wadala amazulu nehlabathi." - Genesis 1:1.

"Yena ke ungaphambi kweento zonke, nazo zonke izinto zima zimi kuYe." - AmaKolose 1:17.

Yonke indalo ingqina ngoThixo ongumZobi, oyiNkosi kwa noMdali Ongenamda. Kumazwi alula, "ekuqalekeni uThixo," sifumana impendulo kwimfihlelo yobomi. Kukho uThixo owadala yonke into.

Iingqondo ezinkulu ezininzi zobunzulu-lwazi namhlanje ziyakholelwa kuThixo. U-Gqirha Arthur Compton, owazuza ibhaso eliyi Nobel Prize ngokuba yingcaphephe kwezemfundo ngehlabathi elidaliweyo (*physicist*), ethetha ngale ndima yesiBhalo, wathi:

"Kum, ukholo luqala ngokuqonda ukuba ubukrelekrele obungaphaya kobulumko bomntu benza elimiweyo labakho, kwadalwa nomntu. Akunzima kum ukuba nolu kholo, kuba kucacile ukuba apho kukho khona icebo kukho ubukrelekrele obungcwele. Elimiweyo elityhilekayo lingqina inyaniso yentetho enkulukazi eyakhe yathethwa ethi, "Ekuqalekeni uThixo."

I-Bhayibhile ayizami ukuqinisekisa uThixo, koko ixela ubukho baKhe qwaba. U-Gqirha Arthur Conklin, naye ofunde ngezobomi (*biologist*) wakhe wabhala wathi: "Uthelekelelo lobomi ukuba bavela ngengozi okanye ngokuthi gqi esithubeni (*evolution*) oko kufana nedictionary esuke yabakho ngokwayo evenkileni."

Siyazi ukuba abantu abanako ukwenza into bengayisuseli ntweni. Sinokuyila sonke izinto, siqokelele izinto kunye, kodwa asizange sizenze ezo zinto singazisuseli ntweni, nditsho kanye nelona sele lincinane okanye neyona ntyatyambo incinane. Zonke izinto ezisingqongileyo zikhwaza ukuba uThixo nguMyili, yaye wadala, nguye umncedi. Eyona mpendulo esinokukholwa yiyo yeyokuba "isiqalo selimiweyo liphela kunye nabantu-nguThixo."

3. UYEHOVA EZIMANYA NGOKWAKHE NABANTU

U-Thixo owenza amazulu aneenkwenkwezi, owadala elimiweyo liphela (*universe*) ufuna ukuzimanya siqu kunye nathi. Wathetha ngokwakhe noMoses: "U-Yehova wathetha kuMoses, bekhangelene ebusweni, njengomntu ethetha nomhlobo wakhe."(Eksodus 33:11). Kwaye uThixo ufuna ukungena kobobuhlobo kunye nawe abe nguMhlobo wakho. U-Yesu wathembisa abo babemlandela wathi,"Nizizihlobo zam nina." (Yohane 15:14).

Sonke siya zama ukwazi ngoThixo, kuba abantu ngemveli bathambekele enkolweni. Akukho silwanyana esakhe sakha isibingelelo ukuze sinqule. Kanti kuyo yonke indawo wofumana kuyo amadoda namakhosikazi, "uwafumana enqula." Ebunzulwini bentliziyo yomntu ngaphakathi kukho ulangazelelo lokunqula, nomnqweno wokuba sisihlobo sikaThixo. Xa sisabela kulangazelelo lwethu lokufumana uThixo, akubikho ntandabuzo malunga nobukho baKhe, nentswelo yethu ifuna yena.

Ngeminyaka yoo 1990 izigidi-ngezigidi zabantu abangakholelwayo kubukho bukaThixo kwelase-Russia zayiyeka loo nkolo yazo yokungakholelwa kubukho bukaThixo zaguqukela kuThixo. Ingcali kwezemfundo kwiyunivesithi yase St Petersburg yenza intetho ebonakalisa uphawu lweentetho ezenziwa ngabantu abaguqukayo abebengakholelwa kuThixo kwelo lizwe lalisakuba yiSoviet Union yathi:
"Ndiye ndafuna intsingiselo ebomini bam kuphando lwesayensi, kodwa zange ndifumane nto endinokuthembela kuyo. Iinzulu-lwazi ezindingqongileyo zibe nolo luvo lobuze ngaphakathi kwazo. Ndithe xa ndikhangela kububanzi belimiweyo liphela ekufundeni kwam ngeenkwenkwezi, kunye nobuze bomphefumlo wam, ndanoluvo ngaphakathi kwam lokuba kumelwe ukuba kho intsingiselo ethile. Ndaza, ndakufumana iBhayibhile ondinike yona ndaqalisa ukuyifunda, isikhewu ebesikho ebomini bam savaleka. Ndiyifumene iBhayibhile ikukuphela komthombo wokuthembela komphefumlo wam. Ndimamkele uYesu njengoMsindisi wam, kwaye ndifumene uxolo nokwaneliseka ebomini."
UmKristu ukholelwa kuThixo kuba ethe wahlangana naYe, wafumana kanjalo ukuba wanelise iintswelo ezinzulu zentliziyo yakhe. Uthixo othe wafunyanwa ngovuyo ngamaKristu, ukho, kwaye usinika imbono entsha, intsingiselo entsha, iinjongo ezintsha, nemivuyo emitsha ebomini.
U-Thixo akathembisi bomi obungenazo iinkathazo okanye amadabi, koko uyasiqinisekisa ukuba uyakusikhokela asixhase ukuba sithi singene kubuhlobo kunye naYe. Izigidi-ngezigidi zama-Kristu ziyangqina ukuba ziyakuncama yonke into kunokuba zibuyele emva kubomi obungenaThixo.
Lo ngowona mmangaliso mkhulu kuyo yonke imimangaliso, lowo wokuba uThixo uSomandla owayila, wadala, waxhasa elimiweyo liphela unqwenela ubuhlobo kunye nendoda nganye nenkosikazi nganye, inkwenkwe nentombazana nganye. U-Davide wayemangaliswe koku, xa wayebhala esithi:

"Xa ndilikhangele izulu laKho, umsebenzi weminwe yaKho, inyanga neenkwenkwezi ozimisileyo; uyintoni na umntu lo, le nto umkhumbulelayo? Unyana womnto, le nto umvelelayo?" - INdumiso 8:3, 4.

U-Mdali wethu "uyakhathala" ngomntu ngamnye kuthi. Unomdla siqu ngawe ngokungathi ibikukuphela kwakho umntu amdalileyo. Ngoko sinokukholelwa kuThixo: (1) Ngenxa yobucukubhede boyilo lwento yonke ayidalileyo esingqongileyo. (2) Ngenxa yokulangazelela uThixo okungaphakathi kwethu okusishiya singenakuzola side sifumane uphumlo kuYe.
(3) Nangenxa yokuba xa simfuna simfumane, uThixo uyasanelisa kuzo zonke iintswelo zethu nolangazelelo lwethu ngokupheleleyo!

4. UNGUYEHOVA ONJANI?

Kubalulekile into yokuba simazi ukuba uThixo uyafuna ukuzityhila kuthi nje ngotata kubantwana bakhe, kanti nasebhayibhileni uyasixelela ukuba ungubani na, yaye unjani na.
Ngumzekelo mni uThixo awusebenzisayo ukudala amadoda namakhosikazi?

"Wamdala ke uThixo umntu ngokomfanekiselo waKhe; wamdala ngokomfanekiselo kaThixo; wadala indoda nenkazana." - Genesis 1:27.

Njengoko senziwe ngokomfanekiso kaThixo,ubume bethu, ukuvakalelwa kwethu, ukucinga kwethu, amathemba ethu, ulwazi lwethu, nezenzo zethu, zonke zifumaneka kuYe uThixo.
Yintoni uphawu oluphambili lukaThixo?

"U-Thixo uluthando." - 1 Yohane 4:8.

U-Thixo uhlobene nabantu ngentliziyo yaKhe yothando. Akukho nanye into ayenzileyo okanye ayakuyenza engaqhutywa luthando olungazicingeliyo nolungazibingeleliyo.

5. INDLELA UYESU AMTYHILA NGAYO INTO AYIYO UTHIXO
E-Bhayibhileni uThixo wayesoloko ethetha ngaYe njengoBawo.

"Akamnye na ubawo wethu sonke siphela? Asidalwe Thixo mnye na?" - Malaki 2:10.

Eminye imifanekiso yootata esiyibonayo namhlanje ayiyonto inqwenelekayo. Kukho ootata abangakhathaliyo, abanempatho-mbi. U-Thixo akanjalo. Uyakhathala, unguTata onemvakalelo ethambileyo. Uluhlobo loTata okuthandayo ukudlala imidlalo nabantwana bakhe, uluhlobo loTata obenza bonwabe abantwana baKhe ngokubabalisela amabali xa belala.

U-Bawo wethu onothando wafuna ukwenza okungaphezulu kokuzityhila ngelizwi lesiBhalo. Waye sazi ukuba umntu esihlala naye ungaphezulu kunomntu esiva nje ngaye ezincwadini. Ngoko ke weza kweli hlabathi lethu njengomntu, lowo mntu nguYesu.

"Ungumfanekiselo kaThixo ongenakubonwa." - AmaKolose 1:15.

Ngoko ke ukuba umbonile uYesu, umbonile uThixo. Wehla weza kumgangatho wethu, wafana nathi, ngoko ke waba nako ukusifundisa indlela yokuphila nokuba sonwabe, ngoko ke saba nako ukubona ukuba uThixo unjani na. U-Yesu unguThixo enziwe wabonakala. Yena ngokwaKhe wathi, "Lowo undibonileyo Mna, umbonile noBawo" (Yohane 14:9).
Xa ufunda ibali likaYesu kwiiNcwadi ezine zeVangeli zeTestamente eNtsha, uya kufumana umzobo omangalisayo notsala umdla woBawo wethu osezulwini. Amadoda arhabaxa angabalobi beentlanzi ayishiya iminatha yawo alandela uKristu, nabantwana abancinane beza, ukuza kufumana iintsikelelo zaKhe. Unako ukuthuthuzela oyena moni wenzakeleyo, asuse ubungozi koyena mhanahanisi ozibona elilungisa. Waphilisa zonke izifo ukusukela ebumfameni ukuya eqhenqeni. Kuzo zonke izenzo zaKhe, uYesu wabonakalisa ukuba uThixo uluthando!
Wahlangabeza intswelo yomntu ngendlela ekungekho namnye umntu owakha wenza ngako ngaphambi kwaKhe, okanye othe wenza ngako ukusukela ngoko!
Intyilelo yokugqibela kaYesu yokutyhila uThixo yileyo yenzeka emnqamlezweni.

"Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwaKhe ihlabathi, ude wancama uNyana waKhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuYe bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade." - Yohane 3:16.

U-Yesu zange afele nje kuphela ukusinika ubomi bolonwabo lwangoku, koko wafela nokusinika ubomi obungunaphakade. Izizukulwana ngezizukulwana abantu baye bamangaliswa, bathemba, baphupha ngoThixo. Babona umsebenzi wezandla zaKhe esibhakabhakeni nosebuhleni bendalo. Waza emnqamlezweni, uYesu wophula ukuthula kweminyaka ngeminyaka, nabantu bazifumana bekhangele kanye kubuso bukaThixo, bembona njengoko anjalo-eluthando, uthando olungunaphakade!
Unako ukumfumana uThixo kanye ngoku xa uYesu emtyhila. Olo fumano luya kukukhokelela ekubeni wenze isiqinisekiso sakho siqu esithi:

"Bawo, ndiyakuthanda!"

Copyright © 2000 by The Voice of Prophecy • PO Box 88, Cape Town 8000